Downloaded from Stanmorephysics.com


**IPHEPHA LEMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

## ISICATSHULWA A

**NGUMTHWALO OKANYE BUBUNTU I ...?**

1 Umbuzo okwisihloko **wenza isankxwe** kwiincoko eziqhuba kumaqonga onxibelelwano eMzantsi Afrika ngeBlack Tax. Ngokwesi sicatshulwa sakuyibiza 'iRhafu yesiNtu' kuba ayikabinalo elivunywe sisiXhosa igama. Yona ibubuntu obusisithethe esixhaphake ukwenziwa ziintlanga ezimnyama bungemthetho phofu. Ivela kulutsha olufundileyo ikakhulu luyithiye ngenxa yamava, iimvakalelo neenkumbulo zalo ezibuhlungu ngayo ezizala iintsingiselo ezininzi.

2 Iingxoxo ngale Rhafu yesiNtu zishushu kangangokuba sekukho asebefunisa ngobuni bayo, isiqalo sayo, ukuba yenzeka njani, iyintoni yona. Ubusazi ukuba sele izizihloko zophando zeemfundi zeli esezithweswe izidanga kumanqwanqwa awahlukileyo emfundo? Kwimibuzo esele iphandiwe, umbuzo owenza umdla ngothi iyakha na okanye iyachitha iRhafu yesiNtu? Nalapho iimpendulo ziwa ngokuwa. Bakho abathi iluxanduva olungabalekekiyo kunjalonje yindlela esele ikukuphela kwayo yokubumba nokugcina isidima kumakhaya ahlelelekileyo. Abayikhalazelayo esinokubabiza ngokuba ngoo'Kunzima', 'Kubuhlungu' noo'Nombulaleko' bakhala ngokucikidwa yile nkqubo, lutsho ulutsha olumnyama lube kude lee nokwenza ubutyebi. Xa bechaza intlungu yabo bathi abanankqubela kwezemali, bagogekile, bagobe imiqolo kukuhlangula amakhaya abo ekuthinjweni, bebhekisa kumakhaya abentywile ematyaleni ngexesha bona bebesafunda. Bakhalazela ukuthinjelwa izinto esele benazo ngenxa yokuzama ukwanelisa ikhaya. Ulutsha lusopha iintliziyo lunjalo, lukho oluthi, 'Kufayayo', mayiqhutywe.

3 Iintsingiselo zeRhafu yesiNtu zininzi. Isichazi magama siyichaza njengesixamali ekulindeleka asikhuphe nyanga nenyanga umntu okwinqanaba lokuphangela ngenjongo yokuxhasa ikhaya. UBusang Senne uthi libinzana elisetyenziswa ngenjongo yokuchaza amava okutshintshiselana ngemali phakathi kwamakhaya nangaphakathi kumakhaya esizwe esimnyama. Olu tshintshiselwano luquka ukuthumela imali yokutya kubazali, ukuhlawula imali yokufunda yabasafundayo nokuthumela imali kwizizalwana ngezizathu ezahlukeneyo. Kulutsha *iRhafu yesiNtu* sisixamali esilindeleka akube efundiswe waphumelela likhaya lakhe.

4 Olunye olufundileyo ulutsha luyichaza njengomthwalo, uxanduva, besukela kumava abo. Bakho abangafundanga, abazi iyimeko yekhaya emnyanzelisa ukuba ngenxa yokuba <u>engumntwana wokuqala</u>, angaqhubeki yena emfundweni ayophangela afundise azalwa nabo. Abafundileyo bakhala ngelithi abazikhulisi bona buqu bakufunda, koko bagalela kwi-emere engagcwaliyo ngokwakubo, kuba baphangelela izisu nemfundo yabantakwabo baze bangakwazi ukuzilondolozela imali bazokubangooSol Kerzner abamnyama ngabula bona. Kaloku akuphumelela kufuneka aguquke

Downloaded from Stanmorephysics.com


ondle umzali amakhele umzi omhle olikhaya kuye nabantakwabo najongwa ngalo, aze namasiko abantwana bakhe awenzele kwakulo. Nangona isisenzo esingesosinyanzelo, sibe negalelo elikhulu ekukhuliseni uqoqosho lweli loMzantsi Afrika.

5 Umbuzo osisihloko othi ngumthwalo okanye bubuntu uphambili nakwisisele samavo kaNiq Mhlongo. Kwincwadi yamavo kaNiq, kukho nelivo likaPhehello Mofokeng elikhaba kwa-ukuvumelana kolutsha ngebinzana u'*Black Tax'*. Lithi lilibinzana elisukele kuluvo lobungxowankulu, olucalanye lwabantu abazicingela bodwa. Lityhola ifuthe labantu abafundisiweyo, nabacinga ukuba bafundile, abalahlekileyo. Likwathi banenjongo yokujongela phantsi iinzame zabamnyama zokukhusela uqoqosho lweli lizwe belibele ukuba sebefunde baphangela nje yile nkqubo yokuphathisana. Uthi yimpazamo ukuyibiza irhafu le ndlela yokunceda kuba otshoyo unika ingqondo yokuba oyenzayo ulindele imbuyekezo eyinkonzo njengoko esenza kurhulumente. Kolu luvo uzixhasa ngokucaphula amazwi kayise athi, 'Mntwanam! Awunakuze utye abanye bengatyi!'

6 Masivume intsingiselo ayinye kwakulutsha. Abayibukulayo le nkqubo bathi ibenza bantywile ematyaleni ngokuncedisa amakhaya. Kwabo, uPhehello ukhaba ngawo omane esithi nabani kakade ongazazeleliyo xa esenza amatyala uzifaka emgibeni. Ucebisa ukuba amakhaya ahlalisane phantsi angene kwisivumelwano malunga nomvuzo lo kuxhonyekekwe kuwo. Wenza umzekelo ngaye wokuba nanjengoko wayezinike uxanduva lokwakha ikhaya, axhase uyise ngeemali zokuqhuba ikhaya, **uyise wazirhoxisa ezinye iimfuno zekhaya akubona ukuba le nkomo asenga kuyo ingasuka yaphuse**.

7 Asinakuyifihla kodwa eyokuba sowuvelelwe ziincukuthu lo mkhwa mhle kangakanana. UPhehello uthi mabalunyukelwe abayisebenzisela ukuncukutha. Sukulukuhlwa ngamazwi abawasebenzisa gwenxa besithi 'umntu ngumntu ngabantu', 'uzazi wedwa wakulungelwa'. Akunyanzelekanga ukuba umntakwenu umenzele isibhadlalala sepati yosuku lomhla wokuzalwa nokumthengela umnxeba wepokoto wakwanokutsho nedatha. Ungamteketisa xa unako. Makujongwe kuphela ukwenza uwenu angafi yindlala, afunde aphele apho umvuzo wakho unokuncedisa khona. Nangona imvumi eselula uMlindo kwingoma ethi, *Imoto Xa Imile Ayikhonkothwa Zizinja*, ivakala ngathi ixhasa ukudyakraza ngamazwi ayo athi, 'Ndizamel' abantwana basekhaya, ... Ndifun'uDot afund' e*multiracial school* ... akhule e*flexer*', kodwa kaloku xa ufundile uyazazi izinto ezinokukufaka ematyaleni. Akuthiwa xhwitha zonke iintsiba zakho, kuthiwa mnike okuncinci okunokumenza aphile ade aziphilise uwenu.

[Sithathwe kwingqokelela yemithombo eyile: kwincwadi ekwi-intanethi ethi 'BLACK TAX BURDEN OR UBUNTU?', kwi*TRUE LOVE* magazini, 9 April 2018, nakwi*SUNDAY TIMES,* 19 January 2020 saze salungiselwa uviwo.]

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**



[Ucatshulwe kuSowetanlive.co.za]

**ISICATSHULWA A**

**Jonga kumhlathi woku-1.**

1.1 Gqibezela umbuzo osisihloko oqhuba iincoko zolutsha kumaqonga onxibelelwano eMzantsi Afrika ngokwalo mhlathi uwonke. (1)

1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Ibinzana 'wenza isankxwe' elikulo mhlathi linika intsingiselo yokuba:

A Ungumalal'ephethuka.
B Ungundabamlonyeni.
C Ungumabizw'asabele.
D Ungumahamb'ehlala. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-2.**

1.3 Xela izikhalazo zibeZIBINI ezikhankanywa ngoo'Kunzima', 'Kubuhlungu' noo'Nombulaleko'. (2)

1.4 Ngqina uluvo oluthi ziwa ngokuwa iimpendulo zombuzo othi, 'Ingaba iyakha nokuba iyachitha i*Black Tax*?' (2)

1.5 Caphula naluphi ulwimi olubaxayo olusetyenziswe kulo mhlathi. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**Jonga kumhlathi wesi-3.**

1.6 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-4.**

1.7 Bhala igama eliNYE endaweni yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

1.8 Nika intsingiselo yebinzana u'ngabula bona' okulo mhlathi. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-5.**

1.9 Xhasa okanye uchase uluvo lukaPhehello Mofokeng ngale rhafu olukrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-6.**

1.10 Nika iingcebiso eziMBINI zikaPhehello zokunqanda ukuntywila ematyaleni ezikulo mhlathi. (2)

1.11 Xela injongo kaPhehello yokwenza umzekelo ngaye. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-7.**

1.12 Khankanya zibeMBINI iimpawu abanokubonwa ngazo abancukuthi ngokwalo mhlathi. (2)

1.13 YINYANI/BUBUXOKI ukuba uMlindo ngengoma yakhe uyayikhuthaza inkqubo ye*Black Tax*? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.14 Nika imfundiso equlethwe ngulo mhlathi. (2)

**Kwitekisi yonke.**

1.15 Ingaba le tekisi ithatha icala elithile na ngeBlack Tax? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B**

1.16 Ngesivakalisi esiNYE tolika okuqhubeka kulo mfanekiso. (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A noB**

1.17 Ngqina ukuba lo mfanekiso uyasixhasa isikhalo esikumhlathi wesi-3? (2)

1.18 Tyhila umyalezo wezi zicatshulwa zibini. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA**

ISICATSHULWA C sithetha **ngeendlela zokugxotha ikati eziko ungajonganga kwenzelwa**.

Shwankathela unike izinto ezinokwenziwa ngumntu ukugxotha ikati eziko.

**QAPHELA:**

1. Bhala UMHLATHI usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma ezisiXHENXE singedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

**IINDLELA ZOKUGXOTHA IKATI EZIKO UNGAJONGANGA KWENZELWA**

NgokukaNV Mkonto, uqoqosho lwanamhla lukulungele ukuhlangabezana nabo bazimisele ukuzenzela, bengaxhomekekanga mntwini kodwa kwabo bajonge ukwenzelwa okanye abafuna ukukhongozwa bangazifumanisa besokola belamba besonge izandla belinde ukukhongozwa endaweni yokuphakama.

Kwilivo lakhe uhlomla athi, umhlaba nesitiya awunabani wokuwusebenza kodwa ngelo xesha indlala ibomvu emakhaya. Abantu banokulima imifuno eyiyeyabo ukuze babe nokutya emakhaya ize ithi ngokwanda loo mveliso bayithengisele abanye abahlali, izibhedlele, iivenkile, izikolo, iintolongo kutsho kube kanti kukuqala kweshishini oko.

Abanye banokudibana benze iqalelo lokufuya nokuba ziihagu, iinkukhu, iinkomo, iibhokhwe, iigusha okanye namahashe omdyarho, ukanti ishishini leenkuku lilodwa nje lanele xa ufuna ukuba sentweni.

Umsebenzi wezandla ngowona unethamsanqa kuba uninzi lwabantu lubona inguwo onobulula. Awukho umsebenzi olula kunomnye kuba wonke umsebenzi ufuna ingqondo, ukuceba, inkathalo, umonde, ukuzinikezela entweni nothando lwaloo nto uyenzayo. Bakho ababhikica ingca, abahlohla iintsimbi, abathunga isinxibo sakwaNtu nabo babumba umdongwe benze izitya.

Kwarhulumente kukho iSebe lezobuGcisa, iNkcubeko, uLonwabo neMidlalo kwiphondo ngalinye. Likhuthaza, lixhasa abantu ngesibonelelo semali ukuba babe nokuzama ukuzenzela izinto zabo ezinokubaphilisa.

Bakwakho nabantu abalungisa iindlela ngokuvala izigingqi ezindleleni ngethuba zingekalungiswa ngokusesikweni bajulelwe ubutikana ngabasebenzisi zindlela. Ngokwenza njalo bayayigxotha ikati eziko.

Abantu ngeli xesha sikulo bathanda ukuthi ngeeholide zabo bajikeleze bebuka iindawo, abanye bekhenketha amazwe. Iindawo zokuzonwabisa ezifana namaziko enkcubeko, ithanga lezilwanyana zasendle, iindawo zokuphumla nezokutya nezokulala zibalulekile kakhulu ekukhuliseni uqoqosho nasemaphandleni. Bakho abasele bewaqhuba la mashishini ezidolophini nasezilalini kwaye bayaphumelela kakhulu kuwo kuba bazimisele.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Ezidolophini abanye abantu bacula ezitalatweni besonwabisa abantu abagqithayo baze bahlawulwe ngababukeli ngokubaphosela ubutikana obenza bakwazi ukuthenga ubugcwabalalana bokuxhasa amakhaya. Bambi bade barekhode namacwecwe omculo bawathengise ngemalana engephi.

Lidlule ixesha lokuhlala phantsi ubambelele esidleleni, elikhoyo lithi yiba nento oyenzayo ukuze uphile ubom obungenanzondo kuba kambe amavila asoloko ezonda wonke umntu, yinqaba ukuzenzela ngokwawo.

[Sicatshulwe kwi-ncwadi ethi, *MASABELANE,* ebhalwe ngu NV Mkonto, amaphepha 1–10, saze salungiselelwa uviwo]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**


Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

### ISICATSHULWA D




[Ithathwe ku<u>www.Thinkstock.com</u> yalungiselelwa uviwo]

3.1 Xela imveliso ethengiswa kule ntengiso. (1)

3.2 Ijoliswe koluphi udidi lwabathengi le mveliso? (1)

3.3 Xela ukuba ifumaneka kuziphi iivenkile le mveliso. (1)

3.4 Chaza ukuba kutheni liphindwe kathathu igama Ms Clean kwesi sibhengezo ntengiso. (2)

3.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi. Ibango elithi 'Indlu ecocekileyo luphawu lobomi obulungileyo'. Iidala umnqweno kubathengi ngokuchukumisa uvakalelo ngento efunwa …

A ngabahlebi bonke.
B ngumntu wonke.
C zizityebi zonke.
D ngabantwana bonke. (1)

3.6 Ingaba kukho ingcinga ebethelelekileyo ngesini kwesi sibhengezo ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.7 Caphula amabinzana amaBINI asetyenziswe ngumthengisi ukwenza ukuba umthengi aziyeke iimveliso abekade ezisebenzisa akhethe ekwisibhengezo ntengiso. (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**




**ISAKHELO 1** **ISAKHELO 2** **ISAKHELO 3**

[Icatshulwe kwi-intanethi-www.LuannComic.com]

4.1 Caphula igama elithetha ukuba uLinki wenza into angayicelanga. (1)

4.2 Xela ukuba yincoko na le iphakathi kukaLinki noyise nokuba ziingcinga. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.3 Xhasa uluvo lokuba impumelelo ithandwa ngumntu wonke kweli khaya. (1)

4.4 Xela inkangeleko yobuso bukaLinki kwisakhelo 3 ediza ukungayikholelwa ukuba akazuzihlalela. (1)

4.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Injongo yokumzoba utata angaveli wonke kule khathuni:

A Kukugqamisa utata njengelizwi elimbonisa indlela.
B Kukugqamisa utata njengomzali ongenankathalo.
C Kukugqamisa amaqhinga abantu abadala.
D Kukugqamisa ububele babantu abadala. (1)

4.6 Ucinga ukuba iyahambelana intetho katata nesenzo sakhe sokumbamba ngesandla uLinki kwisakhelo 3? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.7 Nika umyalezo wale khathuni. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 5: IPROZI

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F), singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**INTSWELA-NGQESHO**

1 Kubi eMzantsi Afrika isibalo sabantu abangaphangeliyo siya sinyuka mihla le kangangokuba ngenxa yale ntswela ngqesho abantu benza izinto umntu angazange wakhe wazicingela ukuba zingakhe zenziwe ngumntu onengqondo apha emhlabeni.

2 Omnye umfana yena uthe akudikwa kukuhamba ekhangela umsebenzi engawafumani, emane efaka izicelo kwiindawo azifundeleyo nakwezo zokuncamela engade awufumane, wasuka ngenye imini wavuka ekuseni wahlamba wanxiba kakuhle nezihlangu zakhe zaba sisipili kuye wathi chu ukuya kumzimveliso ekudala enqwenela ukusebenza kuwo, futhi nemfundo yakhe imvumela ukuba angaqeshwa khona ukuba ngaba besikhona isithuba.

3 Ekufikeni kwakhe ulaqaze **ka**bini **ka**thathu wayibona into anokuyenza, kunjalo nje waqhubeka wasebenza engakhange athethe namntu. Ube nganqandwa waqhubeka wasebenza, bathi nangona bembona ukuba akamoshi baqonda ukuba mabambizele amapolisa kuba kaloku ukuba bangamyeka kucacile ukuba kungakwavula zibhuqe kuloo mzimveliso.
Ekufikeni kwakhe esikhululweni samapolisa uqhubekile wasebenza ngelixa ipolisa lisathatha idokethi liza kumbeka ityala, lithe liyathi nanko ebiza olandelayo ofuna ukugximfizelwa isitampu laqonda ukuba ayingangangaye.

4 Ekufikeni kwakhe enkundleni nanko ebona umtshayelo woyanyisiwe egumbini wawuthatha watshayela.

[Sithathwe kwiphephandaba, *Isolezwe*, 20–26 EyoMdumba 2020 iphepha 2, saze sahlelwa]

5.1 Bhala ngesiXhosa esichanekileyo ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Kubi eMzantsi Afrika isibalo sabantu abangaphangeliyo siya nyuka mihla le. (2)

5.2 Isihlanganisi u 'ngenxa' sinika unobangela okanye isiphumo kwisivakalisi esikuso? (1)

5.3 Sebenzisa igama, 'wakhe' kwisivakalisi esisesinye sithathe imo yesimnini. (1)

5.4 Fakela uphawu lobhalo oluchanekileyo kwisivakalisi esikuhlobo lolandelelwano esingezantsi.

Wasuka ngenye imini wavuka ekuseni wahlamba wanxiba kakuhle nezihlangu zakhe zaba sisipili. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.5 Sisebenze msebenzi mni kwisicatshulwa isakhi esibhalwe ngqindilili esingezantsi?

... ulaqaze **ka**bini **ka**thathu wayibona into anokuyenza ... (1)

5.6 Khetha ngezantsi injongo yokusetyenziswa kwentsizasenzi u'be' nesakhi u'nga' kwisivakalisi '**ube nganqandwa waqhubeka wasebenza**'.

A Kukubonisa ukuthelekelela amacebo ngamacebo.
B Kukubonisa amalinge ngamalinge aye awaphumelela.
C Kukubonisa ukuthelekisa amacebo ngamacebo.
D Kukubonisa amacebo ngamacebo aye aphumelela. (1)

5.7 Sebenzisa isiqu sesenzi u-'beka' kwisivakalisi size sinike intsingiselo eyahlukileyo kule ikwisicatshulwa. (2)

5.8 Bhala kwakhona isivakalisi esingezantsi lize ibinzana elibhalwe ngqindilili libe kwimo elandulayo.

Nanko ebiza olandelayo **ofuna ukugximfizelwa** isitampu. (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**QAPHELA**

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelwe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

**IMIYALELO KUBAMAKISHI**

**Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzela impendulo.
- AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/ nokuzakuzela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: ISICATSHULWA A**

1.1 'Ngumthwalo okanye bubuntu iBlack Tax?'√/'iRhafu yesiNtu'√. (1)

1.2 B.√/B. Ungundabamlonyeni√/Ungundabamlonyeni.√

(Nayiphi na kwezi). (1)

1.3 Oo'Kunzima', 'Kubuhlungu' noo'Nombulaleko'. bathi ulutsha olumnyama lukude lee nokwenza ubutyebi√/bathi ababi nankqubela kwezemali√/bagobe imiqolo bahlangula amakhaya abo abentywile ematyaleni ngexesha abebefunda ngalo√/bakhalazela ukuthinjelwa izinto esele benazo.√

(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

1.4 Ndiyalungqina kuba bakho abathi iluxanduva olungabalekekiyo kwaye mayiqhutywe ibheke phambili ngeli xesha kukho abayisolayo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo ekulo mhlathi.) (2)

1.5 Bagogekile√/bagobe imiqolo√/bentywile amatyaleni√/lusopha iintliziyo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.6 Yeyentsingiselo namava nge*Black Tax.*√√/ingcaciso ngeBlack Tax√√/amava nemibono eyahlukeneyo ngeBlack Tax√√. 

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.7 Izibulo.√ (1)

1.8 Ngokokutsho kwabo√/Ngokokwabo.√/ ngokunokwabo√/ngokwentetha yabo√/ ngokokucinga kwabo√/ ngelabo√/ngokwezimvo zabo.√ (1)

1.9 Ndiyamxhasa uPhehello kuba luluvo lobungxowankulu ukuchasa ukuncedana okubenegalelo kuqoqosho loMzantsi Afrika.√√

**OKANYE**

Ndiyamchasa kuba kumakhaya anabantwana abaninzi lo umdala ubanelishwa lokuhlalela ukufundisa abantwana bakowabo angaze yena ahlume.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

1.10 Ucebisa ukuba emakhaya mabahlalisane phantsi bangene kwisivumelwano malunga nomvuzo lo kuxhonyekekwe kuwo√/abantu mabazazelele ukuze bangantywili ematyaleni√/mazirhoxiswe ezinye iimfuno zekhaya.√

(Nasiphi na isibini) (2)

1.11 Kukugxininisa/ukubethelela uluvo lwakhe.√/Kukufuna bathenge umbono wakhe.√ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.12 Lulwimi abalusebenzisayo√, ukufuna izinto ezingapha kwamandla.√ (2)

1.13 Yinyani/uyayikhuthaza kuba ngokwale ngoma yakhe yena uneenjongo zokufundisa abantwana bakowabo ade abafundise nakwizikolo eziduru bakhule be*flexer*.√√ (2)

1.14 Yeyokuba umntu makahluze phakathi kwezicelo nje kunye nezinto ezibalulekileyo phambi kokuba atyale imali kuzo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.15 Ayithathi cala lithile izivelela zombini izimvo neembono ezahlukileyo nge*Black Tax*.√√ (2)

1.16 Kukho umntu owabela abantu abaninzi imali.√√ (2)

1.17 Ndiyangqina uyasixhasa kuba baninzi aba bantu bakhongozele imali kumntu omnye√√/Ndiyangqina uyasixhasa kuba baninzi aba bantu bakhongozele imali kumntu omnye kwaye akafikeleli kubo bonke ngale mali anayo.√√ (2)

1.18 Imali ayisoloko yanele abantu bonke/zonke izidingo zekhaya.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI**

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo njengesikhokelo.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi na iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe.

(Izivakalisi mazinamathelane)

| | UCAPHULO | | IINGONGOMA |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Abantu banokulima imifuno eyiyeyabo ukuze babe nokutya emakhaya ize ithi ngokwanda loo mveliso bayithengisele abanye abahlali, izibhedlele, iivenkile, izikolo, iintolongo kutsho kube kanti kukuqala kweshishini oko.' | 1. | Banokutyala imifuno yokondla iintsapho zabo ukuba ininzi imveliso bayithengisele abahlali, amaziko karhulumente ukuze bafumane inzuzo. |
| 2. | 'Abanye banokudibana benze iqalelo lokufuya nokuba ziihagu, iinkukhu, iinkomo, iibhokhwe, iigusha okanye namahashe omdyarho, ukanti ishishini leenkuku lilodwa nje lanele xa ufuna ukuba sentweni.' | 2. | Abantu bangadibana bafuye nezilwanyana zasekhaya ngakumbi iinkuku. |
| 3. | 'Umsebenzi wezandla ngowona unethamsanqa kuba uninzi lwabantu lubona inguwo onobulula.' | 3. | Abantu abaninzi bangakhetha ukwenza umsebenzi wezandla kuba bawubona ufikeleleka. |
| 4. | 'Kwarhulumente kukho iSebe lezobuGcisa, iNkcubeko, uLonwabo neMidlalo kwiphondo ngalinye. Likhuthaza, lixhasa abantu ngesibonelelo semali ukuba babe nokuzama ukuzenzela.' | 4. | Bangafuna izibonelelo zemali yokuqala amashishini asakhasayo ezifumaneka kwiSebe lezobuGcisa, iNkcubeko, uLonwabo neMidlalo kumaphondo abo. |
| 5. | 'Bakwakho nabantu abalungisa iindlela ngokuvala izigingqi ezindleleni ngethuba zingekalungiswa ngokusesikweni bajulelwe ubutikana ngabasebenzisi zindlela. Ngokwenza njalo bayayigxotha ikati eziko.' | 5. | Ukudiba imingxuma kwiindlela ezonakeleyo engingqini ohlala kuyo kungaluncedo. |
| 6 | 'Iindawo zokuzonwabisa ezifana namaziko enkcubeko, ithanga lezilwanyana zasendle, iindawo zokuphumla nezokutya neendawo zokulala zibalulekile kakhulu ekukhuliseni uqoqosho nasemaphandleni.' | 6 | Ukuvula amashishini afana nokuba neendawo zokhenketho, zokuphumla nokuzonwabisa kunganegalelo. |
| 7. | 'Ezidolophini abanye abantu bacula ezitalatweni besonwabisa abantu abagqithayo baze bahlawulwe ngababukeli ngokubaphosela ubutikana obenza bakwazi ukuthenga ubugcwabalalana bokuxhasa amakhaya. Bambi bade barekhode namacwecwe omculo bawathengise ngemalana engephi.' | 7. | Abanesiphiwo sokucula banokucula ezitalatweni babonelelwe ngababukelayo, babenako nokushicilela amacwecwe omculo babenengeniso engcono. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UKUBHALWA NGOKOMHLATHI**

**QAPHELA:** Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

| **UMHLATHI** |
|---|
| Abantu banokutyala imifuno yokondla iintsapho yakuba ininzi imveliso bayithengisele abahlali, amaziko karhulumente bafumane inzuzo. Bangadibana bafuye nezilwanyana zasekhaya ngakumbi iinkuku. Bangakhetha ukwenza umsebenzi wezandla kuba nguwona ufikeleleka msinya. Bangafuna izibonelelelo zemali yokuqala amashishini asakhasayo kwiSebe lezobuGcisa, iNkcubeko, uLonwabo neMidlalo kumaphondo abo. Kungaluncedo ukudiba imingxuma kwiindlela ezonakeleyo engingqini ohlala kuyo. Nokuvula amashishini afana nokuba neendawo zokhenketho, zokuphumla nokuzonwabisa kunganegalelo. Kanti abanesiphiwo sokucula banokucula ezitalatweni babonelelwe ngababababukelayo, babenako nokushicilela amacwecwe omculo babenengeniso. |
| **[70 amagama]** |

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa becaphule.**
  - 6–7 amanqaku acatshulweyo: akunikezelwa manqaku olwimi.
  - 1–5 amanqaku acatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**Ukumakisha iCandelo C**

**Umakisho lweCANDELO C:**

- Upelo
  - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
  - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO**

3.1 Yimveliso yokucoca yakwaMs Clean.√ (1)

3.2 Kubantu abafuna ukugcina izindlu zabo zicocekile√/kootata abathatha uxanduva lokucoca amakhaya/kootata abafuna ukugcina ulonwabo emakhaya.√ (1)

3.3 Kuzo zonke iivenkile zegrosari.√ (1)

3.4 Kukwenzela ukuba abathengi bahlale belikhumbula√√/bangalilibali igama lemveliso. √√/ukubethelela igama lemveliso √√/ukugxininisa igama lemveliso.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

3.5 B.√ B. ngumntu wonke√/ ngumntu wonke.√ (1)

3.6 Ayikho ingcinga ebethelelekileyo ngokwesini kuba into yococeko ayinasini.√√/Ayikho ingcinga ebethelelekileyo ngokwesini kuba isibhengezo sibonakala singenzanga okuqhelekileyo okukukoyamanisa izinto zokucoca nabantu basetyhini. √√

**OKANYE**

Ikhona ingcinga ebethelelekileyo ebonakalayo ngesini kuba imveliso yococeko iyawavezwe ngobuso bukamama ngokungathi ucoceko luxanduva loomama.√√Ikhona kuba ukuvezwa kukamama kumfanekiso wesibhengezo kusenziwa ngathi luxanduva lukamama ukucoca. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.7 Tshintshela kwiimveliso.√ Zikwenzela imimangaliso.√ (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

4.1 Sendizibhalisile.√ (1)

4.2 Yincoko√ kuba ikumaqamza entetho.√ (2)

4.3 ULinki uyamngqinela uyise xa emncoma esithi uthanda impumelelo.√ (1)

4.4 Uthe gqa amehlo√/ukhamisile.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.5 A√/A Kukugqamisa utata njengelizwi elimbonisa indlela√/Kukugqamisa utata njengelizwi elimbonisa indlela.√ (1)

4.6 Ayihambelani kuba intetho ephoxayo ayihambelani nokubanjwa ngesandla kakuhle kangaka xa indawo engenakuyihlawulela√√/ayihambelani kuba unenjongo yokumkhotha emxathula.√√

Okanye

Iyahambelana kuba ukumbamba ngesandla kukumthoboza njengomzali esazi ukuba impendulo yakhe ayihambelani nomnqweno kaLinki.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

4.7 Ngowokuba xa ungumzali akunyanzelekanga ukuba uzingenise ezindlekweni onokukwazi ukuziphepha ngenxa yokuba umntwana wakho efuna ukwenzelwa into engaphezu kwamandla akho. √√/Singabantwana masifunde ukujonga into ibenye ngexesha siyeke ukufuna zonke izinto kuba imali ayisoloko izilungele zonke iimfuno zethu.√√/Masiyamkele imeko xa imali ingazivumeli zonke iimfuno zethu.√√

Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 ... inani√ la√bantu abangaphangeliyo ... (2)

5.2 Sinika unobangela √ (1)

5.3 Lo mntu uzicingele umsebenzi **wakhe.**√/Umsebenzi wakhe uwenze kakuhle namhlanje.√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (1)

5.4 Wasuka ngenye imini wavuka ekuseni wahlamba,√wanxiba kakuhle nezihlangu zakhe zaba sisipili. (1)

5.5 Sakhe isihlomelo kumanani√/sisisakhi sihlomelo esisetyenziswa kumanani.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.6 B.√**/** B.Kukubonisa amalinge ngamalinge aye awaphumelela√/kukubonisa amalinge ngamalinge aye awaphumelela.√ (1)

5.7 Umama ubeka ukutya etafileni√/umntwana ubeka umzali√/namhlanje sibeka utata wethu kwikhaya lokugqibela√

(Nasiphi isivakalisi esichanekileyo.) (2)

5.8 Nanko ebiza olandelayo **ongafuni ukugximfizelwa** isitampu.√ (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**